

# UKUBEKWA KWA MADIKONI



Kwaye, oko kukuthi, okokuba eyokuqala kukubeka amanye amadikoni ebandleni. Kwaye ibandla lethu elincinane apha lizimele. Alinahlelo okanye nantoni na yokuthumela amadikoni alo, lonyula awalo amadikoni. Lonyula owalo umalusi, lonyula awabo amathenjwa, lonyula yonke into engenayo nephumayo ebandleni. Akukho namnye umntu onelizwi phezu kwalo nantoni na, libandla. Kwaye ibandla ngabo bezayo baze balixhase ibandla ngobukho babo, ngesishumi sabo neminikelo, kuhlala ingabo abanelizwi elisemthethweni ekubekeni oko.

<sup>2</sup> Kwaye ndifuna ukubulela ibhodi yamadikoni edlulileyo, kwaye ndiyithetha ukusuka apha ndiyenzela lonke ibandla. Ukuba nawuphi wabo bazalwana balapha, eyayinguMzalwana uCox, uMzalwana uFleeman, noMzalwana uHigginbotham noMzalwana uDeitzman, basenzela inkonzo elungileyo, banika iNkosi, kulo mnquba.

<sup>3</sup> Kwaye rhoqo, ngokwemithetho yebandla, minyaka le, amadikoni okanye amathenjwa ngokuzenzekela bazalisa ixesha labo. Kwaye ukuba bafuna ukubuyela, kulungile. Ukuba abafuni kubuyela, ngoko banokubeka abanye kwiindawo zabo, ukuba le bhodi iye yarhoxa.

<sup>4</sup> Kwaye ngobunye ubusuku ndibize ibhodi yamathenjwa, ekukho ibhodi entsha yamathenjwa. Ndiqaphele uMzalwana uLuther McDowell apha ngokuhlwanje, siyavuya ukumbona engaphakathi, obefudula ekwibhodi yamathenjwa. Ndiye ndehla kule veki ukuze ndifumanise kwaye ndijonge ukuba ndenze ikopi, eya kuthi inikezelwe ebandleni, kananjalo. Okokuba amathenjwa ebandla ngoku nguMzalwana uWilliam Morgan, uMzalwana uMike Egan, noMzalwana Banks Wood, noMzalwana uRoy Roberson. Kwaye bonke bangabesi sixeko, ngaphandle koMzalwana uRoberson ohlala phakathi kwezi zixeko zibini. UYehova wabona kufanelekile kuloo madoda, yaye abe ngamadoda abekekileyo, kwaye ngoku bawufumene umsebenzi njengamathenjwa eli bandla.

<sup>5</sup> Kwaye ngeli xesha ubuqhubeka lo mhlngano, ndiye ndaxelelwa ngumncedisi malusi ukuba thina, sonyula ibhodi entsha yamadikoni, ukuba aba basebenze ixesha labo lokuphuma kwaye—kwaye barhoxa, ngoko yayikukukhetha amanye angaphezulu amadikoni. Ngoku, ibandla...Indlela oko ekwenziwa ngayo, kukuba, ibhodi inokumisela amadikoni, indoda abaye banxulumana nayo baza bayifumanisa iyindoda ebekekileyo nesekweni.

<sup>6</sup> Isikhundla somdikoni sisikhundla esikhulu kakhulu, kwaye liwonga elikhulu eNkosini ukuba lidikoni ebandleni. Kwaye

ke, emhlanganweni ngobunye ubusuku, indoda ethile yabizelwa kum. Kwaye xa ndidibana nomalusi, kolandelayo... ngalo Lwesihlanu wokugqibela, nto leyo kwavunyelwana ngayo yile ndoda ukuba aba ngamadoda ahloniphekileyo nanobulungisa.

<sup>7</sup> Omnye umfana ababemfumene, wayengafanelanga ncam (kungekuba wayengelohlobo lufanelekileyo lwendoda), enye eyaphakanyiswayo yenye yendoda ebekekileyo yebhodi yethu yamathenjwa. Kodwa njengokuba umalusi nam sadibana, ndaza ndabuza iminyaka yalo mfana, wayekwiminyaka yakhe yobutsha kumashumi amabini. Ebekekileyo, elilungisa, kwaye eyindoda yokwenyani, kodwa ndafumanisa ukuba wayeyindoda engatshatanga. IBhayibhile ifuna ukuba umdikoni abe yindoda etshatileyo. Makabe yindoda yamfazi mnye.

<sup>8</sup> Kwaye ke enye indoda eyayibekeke kakhulu, yayiwufanele lo msebenzi kakhulu yaye yayinokuba yindoda enyanisekileyo, njengoko umzalwana wamphakamisayo. Emva kokuwuphanda umba, ukuba lo mzalwana wayesandula ukungena kolu Kholo, inkosikazi yakhe ayikholelwa kuLo. Ngoko loo nto yabangela ukuba indoda ingafaneleki esikhundleni. Ngokuba umelwe kukuba lonke usapho lwakhe luphantsi kolawulo, lumelwe kukuba seluKholweni ngokunjalo, ngokuba iyakuba lungquzulwano.

<sup>9</sup> Kwaye siyakha ngoku, kwaye sinqwenela ukubeka eli bandla. Kwaye njengomveleli jikelele webandla, ndimelwe kukubona ukuba ligcinwe, ngokweSibhalo, yonke into ilungile eLizwini.

<sup>10</sup> Kwaye ke ngenxa yoko, ngoko, kwakholeka kwibhodi kunye nomalusi, nomveleli, ukukhetha kweli qela labantu apha indoda ethile esicinga ukuba ibekekile kwaye iyindoda elilungisa. Sinokubazisa kuphela. Kwaye ke, ngoko, banyulwa libandla, ngevoti yabo. Kwaye ngoko aba bantu baya kukhonza, ukuba baziva ukuba baya kusamkela esi sikhundla. Ngoko baya kuza umzuzwana, ukuze babone ukuba bavakalelwa kukuba mhlawumbi uThixo ubabizile. Kwaye ukuba kamva, ukuba bavakalelwa kukuba abafanelekanga, ngoko, banelungelo kwiiveki ezimbalwa ezizayo lokurhoxa esikhundleni, ukuba konyulwe omnye umntu endaweni yabo.

<sup>11</sup> Nangona kunjalo, ekuqaleni kwemvuselelo ukuba (ukuba uThixo ethandile) ndifuna ukubamba apha kulo mnquba nje ukuba ndifumane ukuphumla, ngoko mna—ngoko mna... siyakuwamisela la madikoni ngokubeka izandla, amadikoni nonondyebo kweli bandla. Kodwa kuqala kufuneka banyulwe kuze—kuze kubonwe indlela abakuthanda ngayo nendlela ibandla elikuthanda ngayo. Emva koko ukuba ku—emva koko ukuba kulungile kumacala omabini, ngoko senza la madoda amadikoni amiselweyo, njengokuba aMathenjwa onyulwa ngendlela enye.

<sup>12</sup> Kukuzimela geqe nomthetho webandla, ngeLizwi likaThixo. Ngoko ke, oko, abanakukwazi ukuthetha oko “Ndicinga ukuba le ndoda ibiyakuba yindoda elungileyo,” akunjalo, “UMzalwana uNeville ucinga ukuba le ndoda ibiyakuba yindoda elungileyo,” okanye “ibhodi yamathenjwa icinga ukuba le ndoda ibiyakuba yindoda elungileyo.” Kufuneka kube libandla! Akukho mntu wenza nto ngaphakathi kwakhe apha. Yivoti yebandla. Libandla elizimeleyo.

<sup>13</sup> Isixa esidala semithetho yasekuhlaleni yatshatyalaliswa kwisikhukula sika-1937. Sizikhuphele kwakhona ezo, kwaye ziza kuxhonywa eludongeni apha kungekudala, imisebenzi yamathenjwa, amadikoni, oonondyebo, nanjalo njalo, umalusi, izinxulumani, nanjalo njalo.

<sup>14</sup> Ngobabalo lukaThixo, kwathiwa kum, kwaye ikhulu leepesenti ivoti ngebhodi yeli bandla, ukuba bafumanise ukuba uMzalwana uHollin Hickerson eyindoda elilungisa, ebekekileyo, kwaye emgceni kwesi sikhundla ukufumana i—iwonga elikhulu lokuba lidikoni lalo mnquba uxeliweyo.

<sup>15</sup> Kananjalo, sifumene, kwaye ngevoti yebhodi, ukuba uMzalwana uCollins naye ufunyenwe eyindoda ebekekileyo nelungileyo. Ekubeni engumlungiseleli, ngokwakhe, ngoko besiya kumcela ukuba eze kwaye abe li—lidikoni lebandla; kwaye ingelilo idikoni kuphela, koko isinxulumani sikaMzalwana Neville, kwaye mhlawumbi kwibanga lesikolo seCawe, okanye ukuthatha indawo kaMzalwana uNeville, okanye nantoni na ebizelwa kuye ukuba abe sisinxulumani sikaMzalwana uNeville. NguMzalwana uCollins lowo.

<sup>16</sup> Kwaye, kananjalo, ibandla lifumene, ngokukholeka, ukuba uMzalwana uTony Zabel, indoda ebekekileyo nelilungisa, kwaye ukhokile phambi kwebhodi yamathenjwa nabelusi, ukumcela ukuba amkele isikhundla somdikoni kulo mnquba uxeliweyo.

<sup>17</sup> Kwaye kuceliwe kwakhona, kwaye kwafunyanwa indoda ehloniphekileyo phakathi kwethu... (Hayi...aba ingengabo bodwa amadoda abekekileyo, ngoku, kodwa abonyulwe nje yibhodi.) UMzalwana uTaylor waseHenryville, okanye eMemphis, ndiyakholwa ukuba yiyo, eMemphis, e-Indiana. Ubenathi ixesha elithile, esebenza njengomhlalisi wabantu kunye nantoni na enokuba yiyo. Ukuba ibandla lifumene inkoliseko kuye, okanye ibhodi nabelusi, okokuba uyakuvuma i—i-ofisi enkulu njengomdikoni walo mnquba uxeliweyo.

<sup>18</sup> Kwaye kuphinde kwacelwa ukuba umkhwenyana kaMzalwana uMike Egan, uMzalwana—uMzalwana uBob Harned, unyulwe yibhodi nangabelusi, ukuba amkele isikhundla njengonondyebo walo mnquba uxeliweyo, ongumsebenzi obekekileyo, nofunu ubulungisa nokubekeka.

19 Ekwenzeni oku, ndicinga, bazalwana bam, ukuba ukunibiza ukusuka apha, kuya kuba liwonga elikhulu kuni. Kwaye kungekhona kuphela oko, kodwa into yokwenza.

20 Ngeli xesha ndiyakuba noMzalwana uNeville, isinxulumani sethu, ukuba afunde iimfuneko zomdikoni. Mzalwana Neville, ukuba uyakuyifunda ukusuka eLizwini likaThixo. [UMzalwana uNeville ufunda kuTimoti Wokuqala 3:8-13—Mhl.]

*[Kwangokunjalo amadikoni amelwe kukuba nokundileka, angabi ntlolela yombini, angazinikeli kwiwayini eninzi, angangxameli nzuzo imbi;]*

*[ebambe imfihlelo yokholo esazeleni esihlambulukileyo.]*

*[Nabo aba ke mabacikidwe kuqala; mabandule ke benze isikhundla sobudikoni, bengenakusoleka.]*

*[Ngokunjalo abafazi babo bamelwe kukuba nokundileka, bangabi ngabahlebi, mababe ziingcathu, bathembeke ezintweni zonke.]*

*[Amadikoni mawabe ngamadoda abafazi ngabanye, besongamela kakuhle abantuwana nezindlu ezizezabo.]*

*[Kuba abo balungiselele kakuhle, bazizuzela isidima esihle, nokungafihlisi okukhulu elukholweni olukuKristu Yesu.]*

21 Amen. Ngelixesha ndingabuza kwaba bazalwana babiziweyo, ukuba nje bangahambela phambili apha eqongeni umzuzwana nje. Kwaye njengokuba sithobe iintloko zethu nje okomzuzwana ukwenzela ukuthandaza, ndifuna bona . . . Kwaye ibandla liyayazi yintoni lena, yokuba oku kukonyula ibhodi yamadikoni nonondyabo wenu.

22 Nkosi Yesu, kukubangcathu, ukucinga ngokwasebuthixweni okokuba sisiza kuWe ngoku. Siza ngembeko yeLizwi Lakho eliNgcwele, siza sikholelwa ukuba “Ilizwi ngalinye lomntu malibe liphosakele, kodwa elikaThixo libe yinyaniso.” Kwaye sinombulelo kuWe ngeli Bandla alithengileyo uYesu ngeGazi Lakhe elixabisekileyo, kwaye wasinika esi sakhiwo ukuba sinqule kuso.

23 Kwaye njengabaveleli balo mhlambi mkhulu, athe uMoya oyiNgcwele wasimisela ukuba sibe ngabo, sizama ngoku ukubonisa kweli bandla iqela elinokunyaniseka, elilungileyo lamadoda esikholelelwa ukuba azaliswe nguMoya kwaye elungele isikhundla. Njengoko kukhe kwathiwa malunga nebhodi yamadikoni, “Hambani nikhangele phakathi kwenu, amadoda alungileyo kwaye anoMoya oyiNgcwele, ukuze alungiselele ngolu hlobo, ukunyamekela abahlolokazi neenkedama, ukwaba imali, nokunyamekela intlalo-ntle yebandla.” Emva kweminyaka, sisandula ukufunda ukubhalwa

kwalowo mkhulu, uphefumlelweyo, ungcewele uPawulos, omisela isibhengezo seZibhalo ngeemfuneko zezo zikhundla.

<sup>24</sup> Thixo, wabeke la madoda. Kwaye ngoku lunyulo, Nkosi, njengebandla elizimeleyo, njengomzimba weNkosi uYesu, ukuba benze ulonyulo. Kwaye...[Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]...kwaye iya kwalathisa le nxalenye yenkonzo ngendlela ekhethekileyo, eGameni lobulungisa nelingcewele likaYesu.

<sup>25</sup> Ngoku ngeentloko zethu zithotywe, hayi iintloko zethu kuphela kodwa iintliziyo zethu, kwaye njengelungu ngalinye leli bandla, enithi nize apha rhoqo kwaye nixhase ngesishumi senu neminikelo, ntoleyo egqalwa njengelungu leli bandla, ngelixa umalusi kunye nam, sisodwa, sijonga, umalusi omanyeneyo, uMzalwana Neville, nam sijonga, ndingabuza ukuba eli bandla limfumana uMzalwana uTaylor eyindoda elilungisa kwaye efanelekileyo na, ngokona kungcono ukucinga kwenu, ukuba abe lidikoni phezu kweli qela labantu? Niya kubonisa okufanayo ngokuphakamisa isandla senu. [UMzalwana uBranham uyanqumama—Mhl.] Kulungile. Ngoku ukuba kukho nabani ochaseneyo, ungasiphakamisa isandla sakho. [UMzalwana uBranham uyanqumama.] Enkosi.

<sup>26</sup> Ingaba kukho naliphi na kula malungu eli bandla lilapha elimfumana...kwaye nonke, ingaba nimfumana uMzalwana uHollin Hickerson eyindoda elilungisa nebekekileyo, kwaye indoda efunyenwe emehlweni enu ifanelekile ukuba ibe lidikoni leli bandla kuthethwa ngalo? Ungabonisa ngokuphakamisa isandla sakho sasekunene. [UMzalwana uBranham uyanqumama—Mhl.] Ukuba kuchasene, ngoko phakamisa isandla sakho. [UMzalwana uBranham uyanqumama.]

<sup>27</sup> Ingaba eli bandla limfumana uMzalwana uCollins efana, indoda elilungisa nebekekileyo, kwaye uwufanele umsebenzi wokuba lidikoni leli bandla? Ungasiphakamisa isandla sakho. [UMzalwana uBranham uyanqumama—Mhl.] Kulungile. Ngokuchaseneyo, ungasiphakamisa isandla sakho. [UMzalwana uBranham uyanqumama.]

<sup>28</sup> Ingaba eli bandla lifumana uMzalwana uTony Zabel eyindoda ebekekileyo kwaye esifanele esi sikhundla, sokuba lidikoni kulo mhlambi kweli bandla kuthethwa ngalo? Ungasiphakamisa isandla sakho sasekunene. [UMzalwana uBranham uyanqumama—Mhl.] Ngokuchaseneyo, ungasiphakamisa isandla sakho. [UMzalwana uBranham uyanqumama.]

<sup>29</sup> Ingaba eli bandla livakalelwa kukuba uMzalwana uHarned yindoda elungileyo nendoda elilungisa, ebikunye nathi kangangexesha elithile, ukuba ngunondyebo, unobhalanondyebo weli bandla, ukuze akwazi ukusingatha iimali zayo nokuhlawula amatyala ayo? Ukuba kunjalo, phakamisa isandla sakho sasekunene. [UMzalwana uBranham uyanqumama—

Mhl.] Ingaba kukho into echaseneyo, phakamisa isandla sakho sasekunene. [UMzalwana uBranham uyanqumama.]

<sup>30</sup> Ndingqwenela ukuthi ku—kubazalwana abamiyo ngeli xesha lakalokunje, ezinyaweni zalo mnqamlezo, ukuba eli bandla, ngekhulu leepesenti (akukho uchaseneyo konke konke), linifumana nifanelekile emehlweni kaThixo ngenxa yesi sikhundla uThixo anibizele sona.

<sup>31</sup> Ngoku, nina, njengoko kutshiwo, “Mabahlolwe aba kuqala, kujongwe ukuba bayasiqwenela na esi sikhundla.” Kwiiveki ezimbalwa, uThixo ethandile, ndiya kubuya ndibeke izandla phezu kweli qela labantu, ukubenza babe ngokwesemthethweni ngamathenj- . . . okanye amadikoni eli bandla, nonondyebo.

Masithobe iintloko zethu okomzuzwana nje:

<sup>32</sup> Nkosi, siyavuya ngobubusuku kuba kukho amadoda asaphila emhlabeni anokuhamba ngobuthixo phambi kwehlabathi; ngobuthixo ngokokude umnquba, onemimisele eqinileyo, njengalo, bangavotela amadoda amahlanu kwizikhundla njengeenkokeli zabo, ngaphandle kwevoti enye echaseneyo. Siyabavuyela, kwaye siyava ukuba Wena wawukunye nathi ekwenzeni ezi zigqibo, ibhodi kunye nathi belusi.

<sup>33</sup> Thixo, sikelela la madoda. Kwaye banga bangakhonza esi sikhundla ngentliziyo yabo yonke, besazi ukuba ibathengela umlinganiselo omkhulu eZulwini. Ngenye imini xa iiNcwadi zeZulu ziya kovalwa, yanga iNcwadi yezidalwa zasezulwini nakwiNcwadi enkulu yeZulu ingavulwa, anga amagama abo angaba likhulu lepesenti phambi koThixo noMsindisi nayo yonke imikhosi yaseZulwini, ukuba babe yinto enye eBukumkanini Bakhe. Basikelele, Nkosi, kwaye banga bangasisebenzisa kakuhle esi sikhundla. EGameni likaYesu siyaKubulela ngabo. Amen.

<sup>34</sup> Ndifuna nje ukuxhawula izandla zenu, Mzalwana uHarned, noMzalwana uZabel, noMzalwana uCollins, Mzalwana uHickerson, noMzalwana uTaylor. Kuvuyisa gqitha ukwazi ukuba besinobudlelane ngalo lonke eli xesha nendoda ebekeke ngolo hlobo. UThixo akusikelele ngoku. Kwaye siyakukubona kwangoko, nje ukuba ndifumane ukuphumla kancinci, ukuze ndibuye, kwaye sibone ukuba usithanda njani isikhundla sakho. Kulungile, ngevoti yabo, ndiyacinga ukuba yayilikhulu leepesenti, akukho kuchasa konke konke.

<sup>35</sup> Owu, akuvuyi na ukuba unxulumana nabantu namhlanje abanokuphila phambi koThixo, ngobuthixo, kwaye baphile ngaphambi kweli hlabathi langoku kuloo meko? Yinto emangalisayo.

<sup>36</sup> Kwaye ndivuya kakhulu ukwazi ngokuhlwanje ndinelungelo lo—lokuba nalamadoda neli bandla babe ngabahlobo bam. Ndiyavuya kakhulu kuba uThixo endivumele ukuba

ndinxulumane neBandla Lakhe kwihlabathi liphela. Owu, badeliwe kwaye baliwe kwaye kuthethwa ngabo, kwaye njengoko benditshilo ngale ntsasa kumyalezo wam, mhlawumbi ngabaxovi nje bodaka, indlela ihlabathi libajonga ngayo, njenge “iqela lababaxi,” kodwa uThixo ubajonga njengabantwana Bakhe. Ndivuya kakhulu ngaloo nto. Basenokungakwazi ukukuxelela ukuba zingaphi iimayile ukuya enyangeni. Basenokungakwazi ukukuxelela yonke inkqubo yelanga kunye nendlela esebenza ngayo. Kodwa kukho into enye abayaziyo, bayayazi iyure abazalwa ngayo ngokutsha. Ndivuya kakhulu ngabo.

<sup>37</sup> Kwaye njengomzekeliso omncinci endawufundayo, kwaye ndizakuyinxulumanisa ngokuhlwanje kunye namantombazana am amabini amancinane ukwenza ukuba ifike ekhaya kuthi, ukulenza libe yinene kuthi, ukuze niqonde intsingiselo yalo. Ngenye intsasa, ndiphakama ebhedini. . . Ndinamantombazana amabini amancinci. Omnye wabo nguRebekah, kwaye omnye wabo nguSarah, kwaye bangamantombazana amancinci katata.

<sup>38</sup> Kwaye ndinenkwenkwe encinci, uJoseph. Ndandisuka eChattanooga, ndiphuma enkonzweni ngobunye ubusuku, ngelixa ndandilapho kweli phulo lokugqibela. Ndaye ndandikwi—imoto, ndihamba nonyana wam oyena mdala, uBilly. Inkosikazi yakhe kunye noMeda babesemotweni, kunye namantombazana. Kwaye njengoko sasiqengqeleka, akukho mntu wayethethe nto malunga nebhloko ezininzi zedolophu. Kwaye ndandinqunqe kalukhunana ebantwini ngobo busuku ngendlela ababesenza ngayo. Kwaye akukho mntu wayethethile. Waze uJoseph omncinane weza wandibamba egxalabeni, wathi, “Tata, ngokuqinisekileyo ushumayeleye ngokuhlwanje!”

<sup>39</sup> Kwaye ngale ntsasa, njengokuba bendihamba ndinyuka ndisiya kwiSitrato iSibhozo neShumi, i. . . okanye iPenn kunye neShumi, endaweni yoko, akukho mntu wayethethile, umfazi kunye namantombazana amabini. Kwaye uJoseph omncinane wabamba egxalabeni lam kwakhona, wathi, “Tata, oko, ngokuqinisekileyo ndiyithandle la ntshumayelo ngale ntsasa,” wathi.

Ndathi, “Ke, ndinomlandeli omnye, lowo ngunyana wam.”


<sup>40</sup> Nakwintetho yethu encinci. Ndiphakamile ngenye intsasa, ndihleli egumbini, uBecky omncinane waphuma ebaleka waza, wathi, uye wangxabalazisa umlenze wam waza wabeka ingalo yakhe wandiwola, kwaye uyintombazana encinane katata. Kwaye waye ndiwola. Waze uSarah omncinane watsiba ephuma ebhedini enxibe iipijama zakhe ezincinci kwaye wayezakuthi, yithi, eza kubaleka ukulandela. Yena ungamehlo antsundu amancinci.

<sup>41</sup> UBecky omncinci ubeya kuthi, “Owu, Sarah, akukho mfuneko yokuba uze, kuba ndinaye wonke uTata ngokwam.

Utata ngowam wonke!” Kwaye uSarah omncinane, imilebe yakhe emincinane yawa phantsi, amehlo akhe amancinane antsundu egqunywe phezulu. Ndiwangawangazelise *ngoluhlobo* ndakhupha elinye idolo, kwaye weza walingxabalazisa.

<sup>42</sup> UBecky unemilenze emide, ngoko yayiya kufikelela emgangathweni. USarah omncinane wayesabhadaza, ngoko ndamgona ngengalo zombini uSarah. USarah omncinci wajonga ngaphaya kuBecky wathi, “Becky, ungabe unaye wonke uTata, kodwa uTata unam ndonke!”

<sup>43</sup> Kwaye ndicinga ukuba yindlela ekuyiyo apha. Sisenokungayazi yonke imfundo yezakwalizwi nawo onke amagama amakhulu esiGrike, eli qela labantu lisenokungazi. Kodwa inye into eqinisekileyo, ndiyakholwa ukuba uYesu unathi sonke. Amen.

Kulungile, Mzalwana Neville. 



58-0720E Ukubekwa kwaMadikoni  
e-Branham Tabernacle  
e-Jeffersonville, e-Indiana U.S.A.

XHOSA

©2024 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangeli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

[www.branham.org](http://www.branham.org)